The Bishop of False Bay
The Rt Revd Margaret B Vertue
Diocese of False Bay Bisdom Van Valsbaai Idayosisi False Bay

P O Box 2804
Somerset West
7129 RSA

Tel: + 27 021 852 5243
Fax: + 27 021 852 9430
Email: bishopm@falsebaydiocese.org.za

Vaccine Encouragement Letter : IsiXhosa Version

Befundisi namarhamente abekekileyo eDayosisi yase False Bay

ISIGABA SESIBINI SOGONYO

Ndivakalisa umbulelo ongazenzisiyo ngokubambisana ukulwa ubhubhane wentsholongwane ye Corona, umonde nobulali kwixesha elinzima kangaka kukholo lwethu. Ngomvulo ndithabathe inxaxheba e"Brooklyn Chest Hospital" nezinye iinkokheli zakwa lizwi ezilishumi, kunye no Solufefe "Archbishop Emeritus Tutu". Ndikwenze oku ukubonakalisa ukubaluleka kokugonyela intsholongwane, nethemba lokuba ugonyo lungafikelela kuye wonke ubani kwiinyanga ezizayo.

Njengoko isigaba sesibini sele siqaliwe, abantu bokuqala ngabo baneminyaka engaphezulu kwamashumi amathandathu ubudala. Ndiyanikhuthaza ukuba nincedane ukubhalisela ugonyo. Akumele kubekho abantu abangakwaziyo ukubhalisa ngenxa yokuba bengenalo uchwephesho, nangona befuna ukugonywa, ingakumbi emaphandleni nakwiindawo ezambethwe yintlupheko.

Ibakala lokuqala kukubhalisa kwicandelo leze mpilo (vaccine.enroll.health.gov.za). Emva kokubhalisa wothunyelelwa umyalezo wokuba ubhalise ngempumelelo kwicandelo leze mpilo kwi " Electronic Vaccine Data System"

Okulandelayo kukuba ulinde ukuxelelwa ngesigaba esilandelayo nokufumana inombolo yakho nekuxelelayo ukuba uya kugonywa phi, nini. Emva kweentsuku ezimbalwa ugonyiwe uyakufumana l"Code" yesiqinisekiso sokuba ugonywe, oyakuthi uyisebenzise xa ufuna ukuqinisekisa oko.

Xa ufika apho kugonywa khona, uyakuthi uphono-nongwe kuqala njengesiqhelo xa ufika njengoko sisenza ezinkonzweni zethu. Apha ke kufuneka ubenencwadi okanye icwecwe lesazisi sakho ne " Voucher Information" yakho. Awukwazi ukusuka nje uye. UKusukela apho uya kuya kumntu olandelayo, apho uyakugcwalisa kwakho l"form" eyahlukileyo nezakubuza ngezigulo ongaba unazo ezisisigxina nembali ye " Covid"

Xa ufika ku Mongikazi, kungcono ukuba usebenzise enye ingalo kuna le ububhala ngayo. Akukho buhlungu kangako, kodwa kukhona ukutsikila kancinci, ngoko ke akumele woyike. Ndinikwe l"Pfizer Vaccine", into ethetha ukuba ndizakuphinda kwakhona ndibizwe kwiiveki ezintathu ezizayo.

Akukho miphumela njengoko abanye abantu baye babe neempawu zomkhuhlane, ukudinwa, ingalo eqaqambayo kangangosuku okanye iintsuku ezimbini. Kucetyiswa ukuba kuthathwe iPanado ezimbini phambi nasemva kokugonya

Ndiyakhuthaza ukuba abantu bethu abadala babhalisele ukugonywa. Singabona bantu base ngcupheni yale ntsholongwane. Masikwenzeni oku sincedise ekususeni uxinzelelo kwizibhedlele zethu namanye amaziko empilo.

Ncedani niqwalasele umgama phakathi komnye nomnye, nxibani izifonyo nigqume iimpumlo nemilomo, nicoce izandla zenu rhoqo. Ndibhala ke ndingenalwazi kwezobugciza bezonyango, kodwa ndiqinisekile ukuba xa le nkqubo yogonyo iqhubeka iyakuza neentsikelelo ezininzi kuthi

Ngothando nemithandazo

+ Margaret Falkr Bery

uBhishophu Margaret B Vertue